

Upalesa Uthanda Izityalo Khalai talks to plants



✎ Ursula Nafula
👤 Jesse Pietersen
📄 Kholeka Mabeta
🗣️ Xhosa / English
📊 Level 2




Storybooks South Africa global-asp.github.io/storybooks-southafrica Upalesa Uthanda Izityalo / Khalai talks to plants



Written by: Ursula Nafula
Illustrated by: Jesse Pietersen
Translated by: Kholeka Mabeta (xh)

This story originates from the African Storybook (africanstorybook.org) and is brought to you by Storybooks South Africa in an effort to provide children's stories in South Africa's many languages.




This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 International License.
<https://creativecommons.org/licenses/by/4.0>



Lo nguPalesa. Uneminyaka esixhenxe ubudala.
Igama lakhe lithetha ukuthi 'intyatyambo'
kulwimi lwakhe iSetswana.

...

This is Khalai. She is seven years old. Her name
means 'the good one' in her language,
Lubukusu.



UPalesa uyavuka athethe nomthi weorenji.
"Nceda mthi weorenji, khula ube mkhulu
usinike amaorenji amaninzi avuthiweyo:"

...

Khalai wakes up and talks to the orange tree.
"Please orange tree, grow big and give us lots of
ripe oranges:"



UPalesa uhamba ngeenyawo ukuya esikolweni. Endleleni uthetha nengca. “Nceda ngca, yiba luhlaza kakhulu ungomi.”

...

Khalai walks to school. On the way she talks to the grass. “Please grass, grow greener and don’t dry up.”



“Amaorenji aseluhlaza,” wanesingqala uPalesa. “Ndiyakukubona ngomso mthi weeorenji,” watsho uPalesa. “Mhlawumbi uyakube sele unalo iorenji elivuthiweyo lam.”

...


“The oranges are still green,” sighs Khalai. “I will see you tomorrow orange tree,” says Khalai. “Perhaps then you will have a ripe orange for me!”



UPalesa udlula kwiintyambo zasendle.
“Ncedani zintyambo, qhamani ukuze
ndihombise ngani iinwele zam.”

...

Khalai passes wild flowers. “Please flowers, keep
blooming so I can put you in my hair.”



Xa uPalesa ebuyela ekhaya esuka esikolweni,
undwendwela umthi weorenji. “Ingaba
awakavuthwa amaorenji wakho?” uyabuza
uPalesa.

...

When Khalai returns home from school, she
visits the orange tree. “Are your oranges ripe
yet?” asks Khalai.



Esikolweni uPalesa uthetha nomthi osembindini wesakhiwo. “Nceda mthi, khupha amasebe amakhulu ukwenzela sifundele phantsi komthunzi.”

...

At school, Khalai talks to the tree in the middle of the compound. “Please tree, put out big branches so we can read under your shade.”



UPalesa uthetha nemithi yokubiyela ejikeleze isikolo sakhe. “Nceda ukhule womelele, unqande abantu abakhohlakeleyo bangangeni.”

...

Khalai talks to the hedge around her school. “Please grow strong and stop bad people from coming in.”